

UKUTYABEKA INDLU YAKHO NGESAMENTE



HOAP

ICEBISO KUBANINI-ZINDLU INCWADANA YOLWAZI





KUYINTONI UKUTYABEKA?

- Udaka lotyabeko ngumaleko wesamente oxutywe kunye nentlabathi olwenziwa lugude lutyabekwe phezu kweendonga zezitena.
- Kubalulekile ukutyabeka ngoba kukhusela iindonga kwimozulu, kukhuphela nemvula ngaphandle kwizitena.
- Ukutyabeka akukho lula, ngako oko kungcono kwenziwe ngumntu okuqeqeshelweyo oko(igcisa). Ukuba ukulungele oko,yiba nezixhobo ezizizo, yaye ulandela iingcebiso ngononophelo, ungafunda ukutyabeka ngokwakho.


IZINTO OZA KUZIDINGA?

IZIXHOBO

- ISamente yakwaPortland(enophawu lweSABS)
- Intlabathi ecocekileyo yokutyabeka (egqithe ukuhluzwa ngomnatha okuyi-3mm)
- Amanzi acocekileyo
- Ikalika

IZIXHOBO ZOKUSEBENZA

- Isixholi/ isixhobo sokuxhola
- Ibrashi enkulu yezitena
- Iziponji ezikhulu
- Intluzo (umnatha onemingxunya ekuma-2-3mm)
- Ikiliva
- Iemele engama-20 litha (imigqomo)
- Imihlakulo
- Inkcenkce yokutyabeka
- Amaplanga okufumba udaka kufuphi nendawo yokusebenza
- Iplanga lokutyabeka (elithengiwe)
- Iplanga elingqalileyo
- Isindidanisi (ispirit level)
- Iplanga lokutyabeka ngokugudileyo
- Inkcenkce yokutyabeka ngokugudileyo



INDLELA EKULUNGISWA NGAYO UDONGA

- Coca lonke uthuli, ukungcola, intlalutye okanye amafutha eludongeni. Oku kuza kuqinisekisa ukuba udaka lunamathela kakuhle.
- Kusuku oluphambi kokuba utyabeke, manzisa udonga ngokulinganayo (ngombhobho, okanye ngebrashi yezitena) ukuze lungafunxi ubumanzi eludakeni ngokukhawuleza. Udonga kufuneka lomile xa kutyatyekwa ngodaka.
- Ukuba udonga lugude kakhulu, okanye sele luvetiwe, yenza 'umngxuma sitshixo' ukuze udaka lubambebele. Xhola izibotho eludongeni ngesixholi, okanye utshize ngodaka olumanzi (udaka olunamaqhuma olungagudanga). Olu daka lwenziwa ngokuxuba isamente engqindilili nodaka lwesanti (i-emele enye yesamente exutywe nee-emele ezimbini zesanti ne-emele yamanzi). Yityabeke ngebrashi yezitena.

ELONA CEBISO LIBALULEKILEYO

IINGCEBISO:

- Amanzi amaninzi okanye isanti kumxube wakho kuza kuluthambisa udakalwakho.
- Kungcono usebenzise encinane kakhulu kuneninzi kakhulu.
- Xuba kuphela iziqendwa ezincinane oza kuzisebenzisa ziphele ngeyure.
- Gcina udaka logqunyiwe ngeli xesha utyabekayo ukuze lungomi lulahle amandla alo.
- Thambisa udaka ngokufanelekileyo.


- **LUNGISA UMGANGATHO WODONGA NGOKUFANELEKILEYO PHAMBI KOKUBA UTYABEKE NGODAKA**
- **SEBENZISA ISANTI NESAMENTE EZIKUMGANGATHO OPHEZULU, YAYE UXUBE NGOKUFANELEKILEYO NGAMANZI KUMXUBE ONGUWO.**
- **AKUFUNEKANGA USEBENZISE AMANZI AMANINZI**
- **GCINA UDAKA LUFUMILE UKULUNIKA IXESHA 'LOKUDIBANA' UKUZE LUBAMBANE NGAMANDLA.**



ULUXUBA NJANI UDAKA

- Hluza isanti ukuze ususe iintlalutye namatye. Linganisa umlinganiselo ofunekayo wesanti kumgangatho owomeleleyo nococekileyo. Yandlala isanti ibe ngumaleko ongqingqwa kangange-100mm uze ulinganise isamente ngaphezu kwesanti.
- Xuba isanti eyomileyo nesamente kunye de umbala ube ngwevu ngokulinganayo. Galela amanzi acocekileyo ngeli xesha uxubayo ngalo lonke ixesha de ibe ludaka olujijileyo.
- Udaka lotyabeko lwangaphandle lufanele lomelele kunodaka lotyabeko lwangaphakathi. Xuba i-emele e-1 yesamente kwii-emele ezi-5 zesanti (1:5) kunye ne-emele e-1 yamanzi ukutyabeka iimitha ezi-10 zesikwere kudonga lwangaphandle .
- Ukutyabeka ngaphakathi sebenzisa i-emele enye yesamente, ii-emele ezisixhenxe zesanti kunye ne-emele enye yamanzi (1:7).
- Udaka lotyabeko malungaze lube manzi, kufuneka lukwazi ukubambelela kudonga olufumileyo.
- Ukuba ungakwazi ukuba nayo, yongeza ikalika kolu daka ukwenzela ukuba kube lula ukusebenza ngalo.


UDAKA LOKUTYABEKA LWANGAPHANDLE



UDAKA LOKUTYABEKA LWANGAPHAKATHI



INDLELA YOKUTYABEKA



- Udaka ludla ngokutyabekwa kwiindonga ezinomaleko owomelelyo we-10-15mm.
- Tyabeka udaka kwiindawo ezincinane zodonga ngexesha.
- Udonga kufanele lutyatyekwe lugqitwe ngemini enye.
- Beka udaka oluxutyiweyo kwiplanga lokutyabeka (elithengiweyo), uze ukhe inkcenkce yokutyabeka ezele ludaka ukusuka kwiplanga ukuya eludongeni ngentshukumo ethambileyo eya phezulu.
- Soloko uxinzelela amandla alinganayo kwinkcenkce yokutyabeka.
- Yandlala udaka ngokubeka iplanga elingqalileyo phezu kwale ndawo ingagudanga etyatyekiweyo ngeentshukumo 'eziya emva naphambili'.
- Fefa ngamanzi kudaka olwandaliweyo ngebrashi yezitena, uze usebenzise iplanga lokutyabeka nesiponji sokutyabeka ukugqibezela ngokugudileyo. Ungasebenzisa inkcenkce ukuba ufuna ukugqibezela ngokugude kakhulu ngaphakathi.
- Ungasebenzi ngodaka ixesha elide kakhulu kuba oku kungazisa amanzi ngaphezulu aze enze ukuba udaka luqhekeke xa selusoma.
- Ungagudisi udaka olunye (ngeplanga lokutyabeka) ngaphezu kwemizuzu eli-10 okanye eli-15.
- Ukuba ufuna ukwandlala udaka kumgangatho olinganayo, kufanele utyabekeudaka olujijileyo ngomaleko okabini. Krwela umaleko wokuqala ngenkcnkce yokutyabeka ukwenza indawo yokubambelela umaleko wangaphezulu.
- Tyabeka udaka lwesibini ngeli xesha umaleko wokuqala usafumile.
- Udonga olurhabaxa lungagqitywa ngokuthi kusetyenziswe ibrashi yezitena okanye ngokusebenzisa isitshizi sokugqibezela.

INDLELA YOKUVUNDISA UDAKA LOKUTYABEKA



- Ukuthintela iintanda, qinisekisa ukuba udaka alomi ngokukhawuleza. Loo nto ukubizwa kwayo kuthiwa kukuvundisa.
- Ilanga elishushuhu nomoya onamandla zomisa udaka ngokukhawuleza, zilwenze luthambe luqhekeke.
- Kubalulekile ukulumanzisa udaka kancinane uze ulugcine lufumile iintsuku ezintathu ukuncedisa ukuba luvunde kakuhle.
- Ukuba unganakho, yogquma udaka ngeplastiki okanye ngeengxowa ezimanzi ukugcina ukufuma ngaphakathi.
- Udaka malome yaye luvundiswe kakuhle phambi kokuba ufake nayiphi na into yokuveta.



JONGO EZINYE INCWADANA EZINGO:

- Ngopeyinta indlu yakho
- Ngokukhusela iintanda nokufuma endlwini yakho



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Ipapashwe Development Action Group
101 Lower Main road, Observatory, 7925
Umnxeba: (021) 448-7886 • Ifeksi: (021) 447-1987